Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
# IPHEPHA LESITHATHU (P3)

**AMANQAKU:** 100

**IXESHA:** 2½ iiyure

More Recourses

Testpapers.co.za Exam Papers / Study Guides / Summaries / Tutoring

TestpapersPro.co.za Study Notes / Quizzes / Flashcards / Exam Questions

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10 Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndatsho ndafunda ukuba ukuyalezela akulunganga **[50]**

1.2 Ngaloo mini ndabona ukuba iintsuku azifani **[50]**

1.3 Ndingatsho ngenene ukuba ndiya empumelelweni **[50]**

1.4 Imisebenzi ixhomekeke kwizakhono hayi kwimfundo **[50]**

1.5 Ndiyazisola ngokungammameli u ... **[50]**

1.6 Ukuba ilizwe belinokuhamba ngemithetho yam **[50]**

Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7



[Uthathwe ku-https://www.google.com/search] **[50]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzali wakho ileta umcele ukuba akukhuphele imali yesifundo esongezelelweyo (extra class) yesifundo esikuxakileyo. Mcacisele ukuba kutheni kubalulekile ukuba uthabathe esi sifundo. **[30]**

2.2 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhalela umhleli wephephandaba olithandayo uncome inyathelo elenziwa ngamapolisa ekulweni ulwaphulo mthetho kwingingqi yakho. **[30]**

2.3 **IRIVYU**

Bhala irivyu yemveliso oye wayithenga yaze yakuphatha kakuhle. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini bexoxa malunga ngokunikwa kwabafundi imisebenzi yasekhaya emininzi kwizifundo ezahlukeneyo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta yeqela i"The Republic" elikhangela abantwana abakwaziyo ukudanisa. Nika iinkcukacha ezithe vetshe kule powusta ezifunwa leli qela kubantwana abanqwenela ukudanisa. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OFIHLAKELEYO KAFACEBOOK (INBOX)**

Bhalela umakazi wakho umyalezo ofihlakeleyo kaFacebook (inbox) umcele ukuba aye kumela entlanganisweni ebizwe yinqununu yakho. Chaza isizathu sokuba ucele yena. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo eya eluntwini ngeendlela zokonga umbane, ukukhawulelana nocimi-cimi wombane kwilizwe lethu. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**



Hosted by www.ecexams.co.za.